

Need an amazing tutor?

www.teachme2.com/matric



Collected and collated by

teachme2



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

NOVEMBA 2019

AMANQAKU: 100

IXESHA: liyure 2½

Olu viwo lunamaphepha ama-5.

IMIYALELO NENGACISO

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMABINI:

ICANDELO A: Isincoko (50)

ICANDELO B: Imihlathi: 2 x 25 (50)

2. Phendula umbuzo ube MNYE kwiCANDELO A, kunye nemibuzo emiBINI kwiCANDELO B.
3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
4. Qala ICANDELO ngaLINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Kunyanzelekile ukuba uyile (usebenzisa isazobe/iflowutshathi/amagama angundoqo, njl.njl), uhlele uze uwufundise umsebenzi wakho. Qala ngoyilo PHAMBI kokuba ubhale izincoko nemihlathi.
6. Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlayo kuyilo lonke.
7. Uyacetyiswa ukuba ulabe ixesha ngolu hlobo:
- ICANDELO A: Malunga nemizuzu engama-80
- ICANDELO B: Malunga nemizuzu engama-70 (2 x 35)
8. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.
9. Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.
10. Bhala ngokucoccekileyo nangokucacileyo.


ICANDELO A: IZINCOKO

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso. Bhala amagama angama-340-390.

UMBUZO 1

- 1.1 Konwatywa ekhaya ngaloo mini. [50]
- 1.2 Ilizwe emva kwemvula. [50]
- 1.3 Uchulumanco lokunceda abanye abantu. [50]
- 1.4 Ingqeqesho iqala ekhaya. [50]
- 1.5 Itekhnoloji ezikolweni. [50]
- 1.6 Ukuvota kolutsha kungawenza umahluko kwintlalo yoluntu. [50]
- 1.7 Qwalasela lo mfanekiso ungezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo.

1.7.1



[Ucatshulwe kwi-intanethi-www.googlesearch.com]

[50]

1.7.2



[Ucatshulwe kwi-intanethi-www.googlesearch.com]

[50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: IMIHLATHI

Khetha imihlathi ibe MIBINI kule ilandelayo uze ubhale ngayo. Bhala amagama ali-100-120 (umxholo kuphela).

UMBUZO 2**2.1 ILETA ESESIKWENI**

Bhalela nayiphi na iyunivesithi yeli loMzantsi Afrika ucele indawo yokufunda. [25]

2.2 INQAKU LEPHEPHANDABA

Bhala inqaku lephephandaba ngeethabhulethi ezifike ezikolweni ezikwiningqi yakho. [25]

2.3 UDLIWANONDLIBE

Bhala udliwanondlebe oluphakathi komfundi kunye noMphathiswa wezeMfundo ngomba wemfundo yasimahla. [25]

2.4 I-AJENDA NEMIZUZU

Njengonobhala weqela lolutsha lwasekuhlaleni, bhala i-ajenda nemizuzu yentlanganiso ebeninayo ngenxaxheba enokuthathwa lulutsha eburhulumenteni. [25]

2.5 INTETHO ESESIKWENI

Bhala intetho yokuvuyisana nomhlobo wakho ngosuku lwakhe lokuzalwa. [25]

2.6 I-OBHITSHUWARI

Bhala i-obhitshuwari yomdlali obesenyongweni kuwe. [25]

AMANQAKU ECANDELO C: 50
AMANQAKU EWONKE: 100